

Vuk'uzenzele

Produced by: Government Communication & Information System (GCIS)

English/Isixhosa

September 2021 Edition 1



How to apply for the R350 grant



More Matshediso

If you do not have an income and are between the ages of 18 and 60, you can apply for the Special Coronavirus Disease (COVID-19) Social Relief of Distress (SRD) Grant.

Government has reintroduced the SRD Grant of R350 per month to help qualifying applicants who have no financial support, to survive the continued hardships brought about by the COVID-19 pandemic.

The initial SRD Grant, which was discontinued on 30 April, had a positive impact on successful applicants' lives, says Social Development Minister Lindiwe Zulu.

Cont. page 2

GOVERNMENT REINTRODUCES THE SRD GRANT to assist citizens who are struggling financially during the COVID-19 pandemic.



To read Vuk'uzenzele download the GOVAPP on:



Search for SA Government on Google playstore or appstore

CONTACT US



Vuk'uzenzele



@VukuzenzeleNews

Website: www.gcis.gov.za

Email: vukuzenzele@gcis.gov.za

www.vukuzenzele.gov.za

Tel: (+27) 12 473 0353

Tshedimosetso House:

1035 cnr Frances Baard and Festival streets, Hatfield, Pretoria, 0083

FREE COPY NOT FOR SALE



Ukwakha isiZwe Esingena Rhulumente obanjwe ngoBhongwane

Indibano ebezihleliwe zokunika ubungqina kwiKhomishini yoPhando ngokubanjwa ngobhongwane kukaRhulumente ziqukunjelwe kutshanje, emva kweentsuku ezingaphezu kwe-1 000 ingqina lokuqala lanikeza ngobungqina balo.

Nangona usihlalo wale khomishini, uSekela weJaji eyiNtloko u-Raymond Zondo ethe kusenokubakho imfuneko yokuba amanye amangqina ambalwa anikeze ubungqina, umsebenzi wekhomishini ngoku ukufutshane engqinibeni.

Eli linyathelo elibaluleke kakhulu elisisondeza ngakumbi ekubaleni kwimbali yentando yesininzi yethu enye yezona ziganeke zonakalisayo.

Kwanangaphambi kokuba uJaji Zondo angenise iziphumo neengcebiso zakhe kuMongameli, singavuma sonke ukuba umsebenzi wekhomishini ubaluleke kakhulu.

Kwisithuba seminyaka emithathu, sive ubungqina obuchaza ngezityholo zorhwaphilizo ezikwizinga eliphezulu. Sive ngezenzo ezikhokele ekubiweni kweebhiliyoni zeerandi zemali yoluntu. Sive ukuba mangaphi amaziko karhulumente kunye neenkampani zikarhulumente ezenziwe buthathaka ngabom.

Oku kuvezwa kwendlela, kobungakanani kunye nobunzulu bokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente akwezekanga khusini, kodwa kwasasazwa kwilizwe lonke.

Ngokuthi kuvunyelwe bonke abemi boMzantsi Afrika ukuba balandele iingxelo zekhomishini, kuncede eku-betheleleni ithemba kuluntu malunga nentando yesininzi yethu kwaye ikhuthaza ukungafihlwa kunye nokwenziwa kwezinto elubala.

Ilizwe lityala umbulelo omkhulu kubo bonke ababandakanyeka kumsebenzi wekhomishini; ukusuka kwabo baqhube uphando, kwabo baphengulule baze bahlanganisa ulwazi olungaka; kumangqina amaninzi kangaka athe anikeza ngobungqina; koonondaba abathe basasaza ngenkuthalo iingxelo zekhomishini; kumagqweha ancedisileyo ekunikeni ubungqina.

Sikwatyala umbulelo omkhulu kubantu abaninzi, abanye babo abasaziwa, abo iintshukumo zabo zikhokelele ekumiselweni wekhomishini kwasekuqaleni. Aba ngabantu abathe bavumbulula ezi zityholo zolwaphulo-mthetho, abathe bachasa, bathetha phandle kwaye benza amaphulo — esidlangalaleni kunye nasekhusini — okupheliswa kokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente. Sibulela kubo, kuba ngoku xa sithetha ngokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente sithetha ngento yexesha eladlulayo.

Ukubanjwa ngobhongwane kukarhulumente akuziphelelanga. Kuziswe esiphelweni zizenzo ezidityanelweyo zabemi boMzantsi Afrika abavela kuzo zonke iinkalo zobomi, besebenza kwiindawo ezahlukeneyo

ukubuyisa ixabiso lentando yesininzi yethu. Kwaye kuxhomekeke kuthi sonke ukuqinisekisa ukuba ezi zinto asoze sizivumele ziphinde zenzeke.

Kule minyaka mithathu idlulileyo, sithathe amanyathelo abalulekileyo okulwa urhwaphilizo nokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente. Siye sazama sakha ngokutsha amaziko afana neGunya lezoTshutshiso leSizwe (i-NPA), iNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (i-SAPS), iNkonzo yeRhafu yaseMzantsi Afrika (i-SARS) kunye nezinye. Simisele imibutho emitsha, efana neCandelo loPhando kwi-NPA ukuze itshutshise abo benza urhwaphilizo kwizinga eliphezulu kunye neSigqeba esiKhethekileyo se-SIU sokufumana kwakhona iimali zoluntu ezibiweyo. Siwaphucule amandla ethu okulwa ulwaphulo-mthetho ngokuthi siseke iZiko leNdibanisa (i-Fusion Centre), elihlanganisa ii-arhente ezahlukeneyo zabantu bomthetho ukuba babelane ngolwazi kwaye balungelelanise uphando kunye nokutshutshiswa kolwaphulo-mthetho.

Sibutshintshile ubunkokeli kumashishini karhulumente aphambili, saza saqalisa inkqubo yokuwabuyisela kwimmo entle yezemali neyokusebenza. Amashishini karhulumente ngoku asebenza ngemodeli entsha ekhuthaza ukungafihli, ukuthatha ixanduva lokuphendula kunye nezisa uzinzo.

Uninzi lwalo msebenzi uyaqhubeka. Kukho

iindawo apho inkqubela phambili icotha kakhulu kunokuba siqwenwa, kwaye ngoku ezi ndawo zifumana ingqwalaselo ethe chatha.

Iziphumo neengcebiso zekhomishini ngokungathandabuzekiyo ziya kuzomeleza ezi nzame. Silindele ukuba ikhomishini ichonge apho sibethakale khona okuthe kwenza ukuba kuvuleke ikroba lokuba kubanjwe urhulumente ngobhongwane. Oku kuya kusixhobisa ngakumbi ukuba sithathe amanyathelo okulungisa aqatha.

Ngelixa sinokuthi ixesha lokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente liphelile, asikaloyisi urhwaphilizo. Ubuqhetseba kunye norhwaphilizo kusasazekile kwaye kungene nzulu kumacandelo karhulumente nawa-bucala.

Nangona kusenokungabikho kwizinga lokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente, ezi zenzo zolwaphulo-mthetho zityabula kakhulu kwilizwe lethu, zenze namaziko ethu buthathaka kwaye zihluthe abemi boMzantsi Afrika iimfuno ezininzi ezisisiseko.

Urhwaphilizo kukuziphatha kakubi ngeyona ndlela, kodwa kuthatha umntu onenkohlakalo kakhulu ukuba arhwaphilize ngexesha lokuxakeka kwabantu. Ndithetha apha ngezenzo zenkohlakalo ezingaginyisi mathe ezenziwe kunyaka ophelileyo xa bekuthengwa iimpahla kunye neenkono ebezidingeka kumlo wethu nobhubhane we-COVID-19.

Sisebenze ngokukhawu-

leza kakhulu ukunqanda olo rhwaphilizo, saze sachonga abo bachaphazelekayo kwaye sabathathela amanyathelo. Obu bubungqina bokuzinikela kwethu ekuncothuleni nengcambu urhwaphilizo.

Siqinise imimiselo ka-Nondyebo, saseka iziko lendibanisa (i-fusion centre) kwaye sanika iCandelo lokuPhanda eliKhethekileyo igunya elibanzi lokuphanda zonke izityholo zorhwaphilizo ezinxulumene ne-COVID-19. Okokuqala kwilizwe, si-kuwapapashe kwi-intanethi iinkcukacha zazo zonke izivumelwano ezisetyenziswe ngawo onke amaziko oluntu ngelixa kuthengwa izinto ezayamene ne-COVID-19.

Umonakalo owenzeke kwilizwe lethu ngelixa urhulumente ebanjwe ngobhongwane unzulu. Kwaye iziphumo zawo siya kuziva nakwiminyaka emininzi ezayo. Kodwa siqalile ukulungisa izinto, sisebenza kunye. Sesiqalile ukwakha kwakhona kwaye sibuyisela izinto esimweni.

Singalindela ukuba iziphumo zeKhomishini kaZondo ziya kuzomeleza ezinzame. Ziza kusinika ithuba lokwenza isigwebo kwaye siphumle ekubanjweni ngobhongwane korhulumente.

Mninzi umsebenzi ongapambili, kwaye mininzi imingeni ekusafuneka ijongiwe. Kodwa sisindleleni eya kwakha uluntu olukhululekileyo kububi bokubanjwa ngobhongwane kukarhulumente norhwaphilizo. **U**

Masilwe ingxaki yokuzibulala kwabantu

Allison Cooper

Baninzi abantu bababhubha ngokuzibulala kunabo babhubha ngenxa ye-HIV, ngesifo seengcongconi, ngomhlaza wamabele, imfazwe kunye nokubulalana.

Oku kuhambelana neenkukacha-manani zakutshanje zoMbutu weMpilo weHlabathi (i-WHO), ezibonisa ukuba bangaphezu kwama-700 000 abantu ababhubha ngokuzibulala unyaka nonyaka – ukutsho oko ngumntu omnye kwabali-100 kwaye phantse umntu omnye kwimizuzwana engama-40 kwababhubhileyo.

UGqr Tedros Adhanom Ghe-

breyesus, uMlawuli-Jikelele we-WHO uthi: "Asinakho - kwaye akufuneki - singakuniki ngqalelo ukuzibulala."

"Ukuzibulala oku kodwa nje kuyintlekele. Inqwalasela yethu ekuthinteleni ukuzibulala ibaluleke ngakumbi ngoku, emva kweenyanga ezininzi siphila nobhubhane weSifo sentsholongwane ye-Corona, esize neengcipheko ezininzi zokuzibulala-ukuphulukana nomsebenzi, uxinzelelo lwezezimali kunye nokuzikhetha eluntwini - ezisekhona nangoku," wongeze ngelitshoyo.

Usuku lweHlabathi loku Thintela ukuzibulala

USuku lokuThintela ukuzibulala lweHlabathi lwasungulwa ngomhlawe-10 kweyoMsintsi 2003, nguMbutu waMazwe nga-

Mazwe wokuThintela ukuzibulala.

Lo mbutho ujolise ekuthinteleni ukuzibulala kunye neendlela zokuzibulala, kwaye ukwajolisa nasekunciphiseni iziphumo zokuzibulala, kananjalo ubonelela ngeqonga kwizifundiswa, kwiingcali zempilo yengqondo, kubasebenzi bakaxakeka, kumavolontiya kunye nakwabo basinde ekuzibulaleni.

NgokweQelalabaNtu abanoXinzelelo ngokoMphefumlo loMzantsi Afrika (i-SADAG), uMzantsi Afrika ubhala abantu abangama-23 yabo bazibuleleyo kunye nama-230 yabantu abazama ukuzibulala mihla le.

"Ukuzibulala kusengumba ongafuni kuphathwa luluntu - akukho mntu ufuna ukuthetha ngako; akukho mntu

waziyo indlela yokuthetha ngako kwaye abazali abafuni kuthetha nabantwana babo ngako hleze kanti 'ityale iimbono'. Nangona kunjalo, ukuzibulala kukhona kwaye kuyenzeka, oku kunokubonwa ngenani leefowuni esizifumanayo elonyuka mihla le, utshilo u-Cassey Chambers, onguMlawuli wezokuSebenza we-SADAG. Uthi, "Ukuba abantu abaninzi bayaqonda ngokuzibulala kwaye bayayazi indlela yokufumanela umntu uncedo kusengethuba, oku kunonceda ukunciphisa izinga lokuzibulala,"

Iimpawu ezisisilumkiso ezinokubakho xa umntu ezakuzibulala:

- Ukuthetha ngokutshabalalisa ubomi bakhe, ngokufa okanye ngokuzibulala.

- Umnqweno obalaseleyo wokufa okanye ukuzixakekisa kakhulu ngokufa nokufa.
- Ukuphisa ngezinto ezixabisekileyo.
- Iimpawu zoxinzelelo, ezinje ngokungatyhileki, ukungabi nathemba, ukurhoxa, ukungabinamdlawokutya kunye nokulalanzima, nokuphelelwa ngumdlawimisebenzi yesiqhelo.
- Ukwanda kokusela utywala okanye ukusebenzisa iziyobisi.
- Ukuthetha ngokungabikho kwixesha elizayo okanye avalelise.
- Utshintsho olukhulu kwindlela yokuziphatha.
- Ukwenza amalungiselelo okugqibezela izinto azishiye esithubeni. **V**

Ukuba wena okanye umntu omaziyo ufuna uncedo, tsalela umnxeba i-SADAG kule nombolo-0800 567 567 esebenza imini nobusuku.

Anyone **35 years and older** can register for their **FREE COVID-19 vaccination**

Registering to get vaccinated is easy!



Send the word **REGISTER** to 060 012 3456 on Whatsapp
Internet access or data required

OR



Dial *134*832*IDNumber#
No ID Number? Just dial *134*832#
FREE on all South African Mobile Networks

OR



Search EVDS South Africa online or go to: <https://vaccine.enroll.health.gov.za>
Any device with Internet Access

OR



Register by calling 0800 029 999
Monday - Friday: 7am to 8pm
Saturday, Sunday and public holidays: 8am to 6pm
Toll free on all South African Mobile Networks

You will need the following information when registering:

- Your identification number (Passport, Asylum seeker number, RSA ID or refugee number)
- The location where you want to be vaccinated (home or work)
- If you are a member of a medical aid you will need your medical aid provider name and your medical aid number

You will receive an SMS with the details of your vaccination date and site after registering

Don't delay. Register today!

